



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBER 2015**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2**

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: 2½ iiyure**



---

Olu viwo lunamaphepha angama-31.

---

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha elilandelayo uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.
3. Eli phepha loviwo linamacandelo amaTHATHU:

ICANDELO A: ISihobe	(30)
ICANDELO B: INoveli noncwadi lwemveli	(25)
ICANDELO C: IDrama	(25)

4. Phendula imibuzo emiHLANU iyonke, Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

ICANDELO A: ISIHOBE

IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.  
UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – ngumbuzo onyanzelekileyo

ICANDELO B: INOVELI OKANYE UNCWADI LWEMVELI

Phendula umbuzo OMNYE.

ICANDELO C: IDRAMA

Phendula umbuzo ube mNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI OKANYE UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).
  - Phendula UMBUZO OMDE ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE. Xa uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.
6. UBUDE BEEMPENDULO
  - Imibuzo emide yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-190–240.
  - Imibuzo emide yeNoveli / Uncwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama-340-390.
  - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemholweni.

7. Imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kwecandelo NGALINYE kulindeleke ukuba ilandelwe ngocoselelo.
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela kwimibuzo kwiphepha loviwo.
9. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:  
  
ICANDELO A: malunga nama-40 emizuzu  
ICANDELO B: malunga nama-55 emizuzu  
ICANDELO C: malunga nama-55 emizuzu
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

**ICANDELO A: ISIHOBE**

Imibongo emiselweyo: Phendula NAYIPHI na imibuzo emiBINI.

INANI LOMBUZO	UMBUSO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA	
1.	<i>Unxunguphalo</i>	Umbuzo omde	10	7
<b>OKANYE</b>				
2.	<i>UProfesa A.C.Jordan</i>	Umbuzo omfutshane	10	8
<b>OKANYE</b>				
3.	<i>UNkosana, 'The Happyboy Mqxaji'</i>	Umbuzo omfutshane	10	10
<b>OKANYE</b>				
4.	<i>Imbongi yeSizwe u-S.E.K Mqhayi</i>	Umbuzo omfutshane	10	11
<b>KUNYE</b>				
<b>Umbongo ongamiselwanga. Kunyanzelekile ukuba uwuphendule.</b>				
5.	<i>Umzalikazi</i>	Umbuzo omfutshane	10	14
<b>ICANDELO B: INOVELI</b>				
<b>Phendula umbuzo omNYE</b>				
INANI LOMBUZO	UMBUSO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA	
6.	<i>Nyana wam! Nyana wam!</i>	Umbuzo omde	25	13
<b>OKANYE</b>				
7.	<i>Nyana wam! Nyana wam!</i>	Umbuzo omfutshane	25	13-16
<b>OKANYE</b>				
8.	<i>Ukhozi olumaphiko</i>	Umbuzo omde	25	17
<b>OKANYE</b>				
9.	<i>Ukhozi olumaphiko</i>	Umbuzo omfutshane	25	17
<b>OKANYE</b>				
10.	<i>Ubuncwane boncwadi lwemveli</i>	Umbuzo omde	25	20
<b>OKANYE</b>				
11.	<i>Ubuncwane boncwadi lwemveli</i>	Umbuzo omfutshane	25	20

**ICANDELO C: IDRAMA**

Phendula umbuzo omNYE.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
12.	<i>Amaza</i>	Umbuzo omde	25	24
<b>OKANYE</b>				
13.	<i>Amaza</i>	Umbuzo omfutshane	25	24
<b>OKANYE</b>				
14.	<i>A-a-a!</i> <i>Jongumsobomvu</i>	Umbuzo omde	25	29
<b>OKANYE</b>				
15.	<i>A-a-a!</i> <i>Jongumsobomvu</i>	Umbuzo omfutshane	25	29

**QAPHELA:** kumaCANDELO B no C, phendula umbuzo omNYE omDE kunye nombuzo omNYE omFUTSHANE.

**ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)**

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

	<b>ICANDELO</b>	<b>AMANANI EMIBUZO</b>	<b>INANI LEMIBUZO EPHEMULWAYO</b>	<b>TIKISHA NGEZANTSI</b>
A	Isihobe(Isihobe emiselweyo)	1–4	2	
A	Isihobe (Isihobe esingafundiswanga)	5	1	
B	Inoveli/Uncwadi lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi) OKANYE omfutshane	6–9	1	
C	Idrama(Umbuzo osisincoko soncwadi) OKANYE omfutshane	10–13	1	
<p><b>QAPHELA:</b> KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.</p>				

**ICANDELO A: ISIHOBE****VUKANI MADODA KUSILE – A. Stemele: Umhleli****IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo MNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphenhule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye kumbongo ongafundiswanga okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

Ubude bempendulo yombuzo osisincoko kweli candelo buli-190-240 lamagama.

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO****UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)**

Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi wandule ukuhlalutya lo mbongo, ubonise indlela umbhali asebenzise ngayo ithoni ukudandalazisa iyantlukwano kwintlalo yabantwana bomgquba kunye nabezinye izizwe kweli.

**UNXUNGUPHALO: N. Shasha**

- 1 Ndivumeleni ndizityand'igila,
- 2 Ndiza kunaba ke ndixel'uqaqaqa,
- 3 Zonwabil'izizwe ngezizwe ndibukele,
- 4 Zihla zinyuk'iintlanga ngeentlanga zidabalele
- 5 Ziyatabhat'izizwe neentlang'ezingenasazela,
- 6 Sisilo esitshayel'amabibi ukugutyula sisihlisa,
- 7 Kuba ngasa liphala'igazi lomAfrika,
- 8 Kuba ngahlwa agetyengw'elel'umnt'omnyama;
- 9 Liphala kube lusizi kanye kwabokuzalwa,
- 10 Zininz'iinkedama zilile zaza zakhedama;
- 11 Baninz'abahlokokazi bakhale de bancama;
- 12 Ndakujong'abomthonyama banxunguphele.
- 13 lintshaba zibamokothis'inqatha bangquzulana,
- 14 lintshaba zibanik'iqhosh'eligenamthunja;
- 15 Babhideka belambile bade babulalana.
- 16 Unganxola n'umzi kaPhalo yile ndyikityha,
- 17 Intlungu esikuyo yaziwa ngoPhez'ukonke,
- 18 Ndakujong'abomz'oNtsundu bayantwizisa.

**OKANYE**

- 19 lintshaba zilw'imfazw'engenagama nabamsulwa,  
 20 Zim'ezindleleni zingene koololiwe zidubule;  
 21 Zibulal'abant'abalusizi besifa bengenazixhobo.  
 22 Babulawa belel'obentlomb'ezinkomponi nakoololiwe,  
 23 Umbon'olusizi igazi linge ngumjelo wamanzi;  
 24 Akukho mthetheleli banxunguphel'abe-Afrika.

### OKANYE

#### UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

#### UPROFESA A.C. JORDAN: Z.S. Qangule

- 1 Tarhuni nonke zingcali zesiXhosa,  
 2 Leqani equleni imimoya iyabhudla,  
 3 Balekani hleze kuvele imbalela  
 4 Lakufa ichanti kudakasa izabonkolo,  
 5 Yakufa inkuku amaqanda ayabola.  
 6 Kolunga sonke sibaleke sibonisane.  
 7 Mkhulu umthwalo osaza kuphakanyiswa.
- 8 Uvakele ubham wokuwa komthi,  
 9 Kwahlokoma amawa ezizwe ezikude,  
 10 Kwanga kudlula umoya wezixhobo,  
 11 Kwanga kukhasa umoya wentlambo  
 12 Bathi kufanele iminyanya iwelile,  
 13 Zazola iilwandle zanika imbeko,  
 14 Yana imvula ayenza nangxolo.
- 15 Izigalo zegorha namhla ziwile,  
 16 Iminwe yeqhawe namhla iyekile,  
 17 Amehlo acimele abona ekudeni.  
 18 Imiqulu nantso ithe xazalala,  
 19 Qoqosha lusapho lilifa lakho,  
 20 Indedeba kaloku ibizidla ngawe,  
 21 Iduna kaloku belibilela wena

- 2.1 Iwubhekisa kubani imbongi umqolo wokuqala? (1)
- 2.2 Kumqolo wesibini chonga amagama amaBINI alandelelanayo avelisa ukuba imeko ayintlanga kule ndawo kuthethwa kuyo. (1)
- 2.3 Yintoni le ngxaki yenzekileyo ivezwa ngumqolo wesi-4 nowesi-5? (1)
- 2.4 Cacisa ukuba sisebenze msebenzi mni isifaniso esikumqolo we-10 nowe-11. (2)
- 2.5 Chaza isakhiwo sangaphandle salo mbongo. (2)
- 2.6 Chonga iimpawu eziNTATHU oxhasa ngazo ukuba lo mbongo yi-eleji. (3)

[10]

### OKANYE



**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Fundisisa esi sicutshulwa sombongo silandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

**UNKOSANA "THE HAPPYBOY" MGXAJI: N. Thuthani**

- 1 Sisitshingitshan'esathi vumbuvumbu kunxweme lweMonti,
- 2 Sadungadunga olo lwandle lwasisiyaluyalu,
- 3 Saphul'iinqanawa yangu waca endleleni,
- 4 Laxakek'ihlabathi inguqulukubhode,
- 5 Imbethi-manqindi yaseMdantsane iqengq'ugodo.
  
- 6 Lithole leduna elasela kumanz'akwaGompo,
- 7 Ekwawiwa ngalo umfutho iselidyongosi,
- 8 Lisenz'iziqwenga esembalw'amazinga'
- 9 Lidudula linqunqel'ooXholovane kwelaseMonti,
- 10 Bath'abaseMonti inkunzi ayibekw'iyazibeka!
  
- 11 Zalwa zizijul'ijacu yem'entla into kaMgxaji.
- 12 Ebesith'akudibana nembethi-manqindi elolu hlobo,
- 13 Amelane nayo ayiqhath'ibe sisitunxa,
- 14 Akudibana nenjeya azijike afane nayo angaxakeki,
- 15 De aqaqambe asamel'ekhuph'ezikrakra izithonga,
- 16 Yakuxhom'umgangatho awuxhome de athi vetshe
- 17 Kulaph'ibikhon'imfihlelo yesakhono sakhe.

- 3.1 Ungowaphi uHappy-boy Mgxaji ngokwesitanza sokuqala? (1)
- 3.2 Chaza ukuba kutheni ebizwa ngokuba sisitshingitshane uHappyboy ngokwalo mbongo. (2)
- 3.3 A Xela izinto eziMBINI athelekiswe nazo uHappy-boy kumqolo wes-6 nowesi-7. (2)
- B Thiya igama isafobe esisetyenziswe ukuphumeza olu thelekiso. (1)
- 3.4 Ibinzana "yem'entla" ngokomqolo we-11 liphuhlisa ntoni ngesakhono sikaMgxaji sokulwa? (2)
- 3.5 Lusetyenziswe ngayiphi injongo uphindaphindo lwegama elinomgca ngaphantsi kumqolo we-16? (2)

**[9]**

## OKANYE

## UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Fundisisa esi sicutshulwa sombongo silandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

**IMBONGI YESIZWE, US.E.K. MQHAYI: J.J.R. Jolobe**

- 1 Anivanga na ukuba ihambile imbongi yeSizwe?
- 2 Anazi na imke ngenqwel'egoqoz'emafini?
- 3 Kunamhla seyimana isalatha inqwal'iwisa
- 4 Ithe wambu umnweba wemisebenzi encamisa  
Iphethe intshuntshe nomngayi wokholo.
- 6 Umthiyi-magama akasele emthe jize na
- 7 Ngesibuliso sozuko uMesiyasi edumisa?
- 8 Ufudukile umphakathi enxuweni elidala.
- 9 Umkhonzi weenkosi akakhonzi eBhotwe na namhla?
  
- 10 Ntab'oZuko kwaNdlambe asinxuwa lakhe na?
- 11 Ntab'oZuko akuwongekanga na namhla?
- 12 Ngaphantsi kwakho zodlul'iinqwelo zomlilo
- 13 Zibelegeke izizukulwana zoluhle lweAfrika.
- 14 Ziya kwalathisana ngawe kwimihla ezayo
- 15 Zisithi kulaph'ekulele umThembu omatshamba
- 16 Inggangangqanga yentetho yesiXhosa
- 17 Ubharhumla ngokwengonyama xa abongayo,
- 18 Umazwi aluncuthu kwabafundisisayo
- 19 Umhlahli-ndlela ngegalelo lokubhaliweyo
- 20 Into kaMqhayi iMbongi yeSizwe Jikelele.

- 4.1 Ngubani iMbongi yeSizwe ethetha ngayo imbongi? (1)
- 4.2 Yintoni injongo yomqolo wokuqala walo mbongo? (1)
- 4.3 Khetha igama eliNYE elithetha "ukwambatha" kumqolo wesi-4. (1)
- 4.4 A Chonga amabinzana amaBINI apho kuthelekiswe khona  
iinqwelo zomlilo nabantu kwimiqolo 13-14. (2)
- B Sisiphi isafobe esisetyenziswe ukuphumeza olu thelekiso? (1)
- 4.5 Umqolo, "Umazwi aluncuthu kwabafundisisayo uphuhlisa ntoni ngalo  
mntu ubongwayo? (2)
- 4.6 Lusetyenziswe njani ulwimi ukwakha umfanekiso ntelekelelo kumqolo  
we-17? (2)

**[10]**

**UMBONGO ONGAFUNDISWANGA I: KUNYANZELEKILE UWUPHENDULE.****UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UMZALIKAZI: J.J.R.Jolobe**

- 1 Mus'ukulila, sana lwam,  
 2 Unankxwaleko zimbi umama wakho;  
 3 Ungayihlungis'intliziyo yakhe.  
 4 Akakwaz'ukonwaba ngele kwakho.  
 5 Sul'ezo nyembezi, sana lwam!
- 6 Laa mbiz'igxabhuzayo eziko phaya  
 7 Iyamthum'ukuba ayibasele.  
 8 Kumnandi ukuphaka yakuvuthwa.  
 9 Ziyaqaqamb'iintupha kukukhwezela.  
 10 Sul'ezo nyembezi, sana lwam!
- 11 Isiyalu somthombo phantsi kweliwa  
 12 Siyamkhobakhoba, sithi makeze,  
 13 Akhelel'ingqayi yakhe kuwo;  
 14 Kodwa imhlala nzima kule ntlokwana.  
 15 Sul'ezo nyembezi, sana lwam!
- 16 Ihlathi elikude liyambiza;  
 17 Iindlelana zeebhokhwe zimqhelile.  
 18 Ujong'ukwakh'igoqo lobusika.  
 19 Amev'aselasel'igazi lakhe.  
 20 Sul'ezo nyembezi, sana lwam!
- 21 Simnand'isiqhamo, ikrakra imbewu!  
 22 Sosebenza, sana, sichwayitile,  
 23 Simlind'ukubuya uyise kaMthethwa.  
 24 Wemka ngekhwezi, wobuya ngorhatya.  
 25 Sul'ezo nyembezi sana lwam!

**(Ucatshulwe kwincwadi ethi, "Vukani Madoda Kusile: Iphepha: 26)**

- 5.1 Ingumlomo kabani imbongi kulo mbongo? (1)
- 5.2 Yintoni injongo yomqolo wokuqala walo mbongo? (1)
- 5.3 Chonga amazwi esithethi abonisa ukuba sifuna ukusizelwa ngulo sithetha naye kwisitanza sokuqala. (1)
- 5.4 A Chonga iimeko eziMBINI apho kusetyenziswe khona uthelekiso kwisitanza sesi-2 nesesi-3. (2)
- B Sisiphi isafobe esisetyenziswe ukuphumeza olu thelekiso? (1)

- 5.5 Cacisa injongo yokuphindaphindwa komqolo” Sul’ezonyembezi, sana lwam” kwisitanza ngasinye salo mbongo. (2)
- 5.6 Chaza indlela olusetyenziswe ngayo ulwimi kumqolo wama-21. (2)
- [10]

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

**ICANDELO B: INOVELI OKANYE UNCWADI LWEMVELI****IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe iinovelI ezimbini NONCWADI LWEMVELI.
- Khetha umbuzo kuncwadi lwemveli okanye kwinovelI oyifundisiweyo .
- Kuncwadi lwemveli okanye kwinovelI NGANYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OMDE NOMFUTSHANE, ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-11.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

QAPHELA: Xa umviwa ekhethe umbuzo OMDE kwiCandelo B (kwiNovelI okanye Uncwadi lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).

Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwinovelI) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCandelo C (kwidrama).

- Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama 340-390 amagama.

**OKANYE****UMBUZO 6 (UMBUZO OMDE)****NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

Bonisa ngengxoxo esekwe kule ncwadi ukuba umbhali ukuchasile ukungakwazi ukuzithathela izigqibo ezizezakho.

**[25]****OKANYE**

**UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NYANA WAM! NYANA WAM!: WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

**ISICATSHULWA A**

“Mayela nasiphi ke isithuba bawo?” wabuza uThole.

“Mayela nokuba ukweli xabiso ukulo. Qonda le nto Mangaliso mfo wam, ndandizimisele ukuba ufunde, ndinethemba elikhulu ngawe lokuba kothi kuzezi mini ube uyinto ebomini, walala ke elo thamsanqa wasibaleka isikolo, lawa phantsi ke ithemba lam namabhongo am ngawe ndaba ngodanileyo. Oko ndingazanga ndife mfo wam ukumka kwakho ngenene le nto ingumntu ayifi kukuhliwa yinto embi. Kulungile ke akusenani,

**masiyinyathele ngonyawo leyo** yemfundo ayisenani igqithile, masiyithathe ngokuba imfundo ibingelulo ubizo lwakho ebomini, sikhangele kumgca ongezantsi. Ungaka ngoku, ke ndithanda ukuqonda ukuba ujonge phi na?”

“Andikulandeli bawo, lityebise,” watsho uThole exoka eyiva intsingiselo yentetho kaFikizolo.

“Xa ithemba lam liwile ngasemfundweni mfo wam bendinqwena ukuba ufune umfazi, ndithi ndisifa ube unendawo yakho.”

“Musa ukuqala ulilahle ithemba bawo. Ngakwicala lomfazi ndifuna ukucela uxolo kuwe bendingekabi nanjongo, nto ndizimisele kuyo kukufeza umnqweno wakho ndiphindele esikolweni.”

Amothusa la mazwi uFikizolo, akazi nokuba makavuye nokuba makathini na, akakholwa nokuba unyanisile na nokuba uyambhanxa, “Uthini na ngoku Mangaliso?”

“Ndithi ndizimisele ukuphindela esikolweni bawo.”

“Uyinyanisile le nto uyithethayo?”

“Ndiyinyanisile bawo.”

“Njengokuba unyaka sewuphelile nje ucinga ukuba indawo uya kuyifumana phi? Khona ingathi sowumdala nje wobasafunda into eyiyo?”

- 7.1 Wazana njani uThole nalo athetha naye? (1)
- 7.2 Xela ibe MIBINI imiqobo ahlangele nayo ukuze ade abuyele ekhaya uThole. (2)
- 7.3 Xela udidi lwempixano evela kwibinzana elinomgca ngaphantsi. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 7.4 Cacisa intsingiselo yamazwi aphawulwe ngqindilili. (1)

- 7.5 Thelekisa iimpawu zikaThole okwesi sicutshulwa noThole oligqirha. (2)
- 7.6 Yiyiphi indlela yokuzoba abalinganiswa esetyenziswe ngumbalisi xa esenza sizikhelele kwiincoko zabalinganiswa ukuba izimo zabo zinjani
- Khetha eyona mpendulo ichanekileyo kwezi zingezantsi.
- A Uzobo ngokumayana  
 B Uzobo-ngqo  
 C Uzobo ngolwimi  
 D Uzobo olucacileyo (1)
- 7.7 Chaza inqanaba lesakhiwo elikulo ibali ngokwesicutshulwa esi. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 7.8 Xela simo sentlalo sale ndawo ngokwexesha ezimbalini uthathela kule nto uMangaliso esala ukuthatha umfazi ngokwengcebiso zikaFikizolo. (2)
- 7.9 Phuhlisa isigqebeliso esikumazwi kaFikizolo angezantsi.
- “Khona ingathi sowumdala nje wobasafunda into eyiyo?” (2)
- 7.10 Mfundiso ni equlethwe sesi sahluko? (2)

[17]

**ISICATSHULWA B**

Ubukho babo babungazange buthwalisa mehlo, kodwa lo, ubukho bakhe kwabatsho(a) **abantu bathwala amehlo** ngokunga kumhla kwabonwa umtandisi. Andibagxeki wayefanelwe umntwana womntu bubufundisi bakhe, simfanele neso sinxibo ngathi sadalelwa kuye, ngenxa yobuso bakhe obabusoloko bukhululekile kwakusala ukuba ugqithe kuye ungakhanga ukhe ulimisele iliso, unqwenele nokunga ungakhe uthethe naye.

“Ubuso bakhe ngathi ndakha ndambona, satsho esinye isigulana simjongile esiya kuphuma emnyango. Unjalo umntu olusu luhle, ungazange umbone nje, usuka aqheleke emehlweni.

“Inene ukuba lo ukhe abenze ububi, uzazi yena. Ufele olu lwakhe luntama ubunyulu, ”satsho esinye esasithe qwa intloko simjongile ngalo lonke ixesha ekwelo gumbi siyiwisa emqamelweni akuba ephumile.

Yaba seso kwigumbi lesibini abangena kulo. Bangena kumnyango osezantsi benyuka phakathi kweebhedi zezigulana. (b) **Zabangathi zibethelwe umgqala** izigulana ukuzithi qwa iintloko zimondela owayehamba phakathi kwazo. Wamana ukunqwala ngentloko zolileyo ebulisa, ade maxa wambi umbone ephakamisa nesandla ekwabulisa, ukuzijonga oku izigulana wayenga ujonga abantu abazi bonke. Baya kungena kwigunjana elisentla awayezivalele kulo uThozama elungisa amayeza ebeke uxwebhu lwencwadi phambi kwakhe emana ukubhala. Baluvula ucango bangena baphinda babuya nalo baluvala zolileyo bengaphakathi abathetha. Njengoko wayejonge entla akazanga anyeke nokunyeka waqwalasela kuloo msebenzi wayewenza emana ukuthatha iyeza ngalinye elijonga ebhala encwadini.

“Tyhini Ethel, ngubani lo?”

- 7.11 Xela indawo avela kuyo uMangaliso. (1)
- 7.12 Ngubani lo wayekhangelisa uMangaliso uThozama? (1)
- 7.13 Ngokwebali saba yintoni isiphumo solu tyelelo? (1)
- 7.14 UThozama wamnceda njani ukuba amanyane noyise uMangaliso? (1)
- 7.15 Ufuna sicinge ntoni umbalisi xa eluchaza ngolu hlobo unxibelelwano lwezigulana nalo mfundisi? (2)
- 7.16 Tolika okuthethwa ngamabinzana abhalwe ngqindilili. (2)

**[25]**



## OKANYE

## UMBUZO 8 (UMBUZO OMDE)

## UKHOZI OLUMAPHIKO: N. Saule

Bonisa ngengxoxo esekwe kule ncwadi ukuba umbhali ubuchasile ubumpimpi

[25]

## OKANYE

## UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## UKHOZI OLUMAPHIKO – N. Saule

Funda ezi zicatshulwa zencwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

## ISICATSHULWA A

Ndothukela ngaphakathi kuba ndilazi ibali loongcothoza kwasesikolweni. Kwasuka kwathi nyaka ngaphakathi kum, ndathiwa vale lugwebu lomsindo. Nditsho ngonxim omkhulu, zangathi azivanga iinto ezinkulu zalandelisa ngelithi impendulo ayinxamisekanga. Lada lagqabhuka ilizwi lam, ndakwazi ukuthi andisiso isihiba esimfifitha igazi labantu mna. Ndilunge ndiyiloo mpula kalujaca kunokuba ndidle isonka esiqatywe igazi labantakwethu. Wahleka omnye lo wathetha okokuqala wathi;

“Phofu ndikwazi ungekavuli mlomo ukuba usesikhulu isibhanxa, esi sitya ubulongo. Yintoni ongayenza ungenamali? Ulihlwempu. Ufuna ukufa ulihlwempu? Uyihlo ulihlwempu, into aqhayisela ngayo zeziya nkomo zimbini zigula sisifo sephepha. Ukufundise ngokungqiba. Nawe ufuna ukuphila ubomi bokungqiba. Kutheni le nto usisidenge kangaka, wakugqiba ukufunda kafile?”

Iindlebe zam kwakungasekho nto ziyiphulaphuleyo ngoku, zigcwele umoya. Ndaziva sendithe, “**ukuba nifuna ukundibulala nixelise laa mfo nimbulele phezolo, yenzani njalo. Le niyithethayo yona into, yilibaleni, soze.**”

Ucinga oku kukakafile kanye mfo wam, usisitunxa. Akuziboni zona ezinye iibhantu eziingomMthunzima nooNkebe, ziziinkokeli ngoku, zinemali, ziphethe, akufuni ukufana nazo?” Ndathula ndavala phezulu, basuka bahleka abafu basemzini ngokungathi akwenzekanga nto. Ndithe ndisavuthelana imixhadana le okwerhamba ngumsindo, zathi gwiqi ezi zinto zabuya nocango, ndeva xa enye isithi kwenye: “Ngowethu lo, musa ukuzihlupha.”

9.1 Chaza ungcothoza. (1)

9.2 Chaza isimo sentlalo sale ndawo akuyo uMfazwe. (2)

- 9.3 Khetha injongo yentetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwezi zikwizibiyeli.  
**(ukubonisa ukumjongela phantsi / ukubonisa ukumcalula ngokwesini)** (1)
- 9.4 Khetha isifaniso sibe SINYE kwesi sicutshulwa uze ubonise ukuba siwuphuhlisa njani umongo webali. (2)
- 9.5 Thelekisa iimpawu zikaMfazwe okwesi sicutshulwa nezikaMfazwe wasekupheleni kwebali. (2)
- 9.6 Luluphi udidi lozobo olusetyenziswe ngumbalisi kwintetho ebhalwe ngqindilili?  
Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
- A Uzobo ngokumayana  
B Uzobo-ngqo  
C Uzobo ngolwimi  
D Uzobo olucacileyo (1)
- 9.7 Chaza inqanaba lesakhiwo elikulo ibali ngokwesi sicutshulwa. (1)
- 9.8 Khawuhlomle ngeziphumo zokwala ukuba ngungcothoza uMfazwe. (2)
- 9.9 Tyhila isigqebeliso esisetyenziswe ngumbalisi kule ntetho:  
“Ngowethu lo sukuzihlupha?” (2)
- 9.10 Cacisa imfundiso equlethwe yile ntetho:  
“Nditsho ngonxim omkhulu, zangathi azivanga into ezinkulu, zalandelisa ngelithi impendulo ayingxamisekanga.” (2)

**ISICATSHULWA B**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

“Mfazwe mtshana kuthe kanti uyindoda! Kunyanisiwe xa kusithiwa ukonakala kwenye kukulunga kwenye. Siqithi mntwanam, uyayibona le nto yenziwe ngumzala wakho?” Wathula cwaka uSiqithi. Lathi litshona elaloo mini,(a) **sabe singadinwanga sizizinja**. Kumalume (b) **ndandilizekile ityala** ngokulungisa uKhohlelidangaty.

Ukuphuma kwethu emasimini ndandithukuthezelwa yimibuzo emibini endandingafuni kuyiphendula. “Ndiyaya okanye andiyi entlanganisweni ngeCawa. Ndiyifunde okanye ndingayifundi incwadi kaNokuzola?” Zakhawuleza zona iintsuku lwafika usuku lwangeCawa. Ndisajika-jikana nokuya nokungayi entlanganisweni eyayiseyivakaliswe nakoonomathotholo nencwadi ndingekayifundi, wandihla entloko uSiqithi endibuza ukuba ndide ndagqiba kwelithini na.

“Ukuba akuyanga intliziyo yakho ayisokuze yonwabe kuba uza kusoloko ufuna engqondweni ukuba kuxoxwe ntoni na ekuphosileyo.”

“Andiqondi ukuba kuya kunceda nto ukuya kwam kulaa ntlanganiso.”  
 “Mhlawumbi kaloku uya kunceda abanye ngokuya kwakho phaya.” Kwakucacile ukuba uSiqithi uyenza eyakhe le ndaba yentlanganisiso. Ndingekaphenduli waqhuba umfo omkhulu.

“Ukuba bendinguwe mna bendingayayo, ndive ukuba kuza kuthiwani na,ndibone ke ngoku into emandiyenze.”

“Uyaqonda phofu ukuba ingajika ibe yingxaki into yokuya kwam kulaa ntlanganiso?”

“Njani?”

“Ndagxothwa entlanganisweni kusithiwa ndingumrhubuluzi? Ufuna ndiyokuphoxeka phaya kwakhona?”

Andikholwa ukuba wonke umntu ucinga ngolo hlobo. Hamba Mfondini uye entlanganisweni.”

- 9.11 Liqhubeka kweyiphi indawo ibali ngokwesicatshulwa esi? (1)
- 9.12 Nika izizathu zibe ZIBINI ezazibangela ukuba uMfazwe akuthandabuze ukuya kule ntlanganiso. (2)
- 9.13 Chaza udidi lwempixano anayo uMfazwe ngokwale ntetho ingezantsi: Xhasa impendulo yakho (2)
- “... Ndiyaya okanye andiyi entlanganisweni ngeCawa ...?”

9.14 Tolika okuthethwa ngala mabinzana abhalwe ngqindilili ngokomxholo webali. (2)

9.15 Saba yintoni isiphelo esothusayo malunga nobu bomi bakhe noNokuzola? (2)  
[25]

### OKANYE

#### UNCWADI LWEMVELI

**UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI: M.M.I. Swana; N.N.N. Swartbooï no L.D.Mali**

#### UMBUZO 10 (Umbuzo omde)

Ikhonkco elidibanisa izibongo, iintsomi, izaci, kukuba zinembali kaNtu. Ngqina le mbono ungqiyame ngemizekelo oyifundisiweyo. [25]

#### UMBUZO 11 (Umbuzo omfutshane)

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo wandule ukuphendula imibuzo.

#### ISICATSHULWA A

Kwathi ke kaloku ngantsomi, yaziinyamakazana zonke, zalima intsimi zemka zaya kuzingela. Zabuya zayihlakuhlakula. Zemka zaya kuzingela kwakhona. Zabuya zisiya kuhlola. Zathi zisekude zabona umsi omkhulu phakathi entsimini. Zahlala phantsi zacinga icebo zaza zagqiba ukuba uMvundla uye kujonga ukuba ngubani lo usentsimini yazo. Uhambile uMvundla ngokuzithemba waza wakhwaza wathi; "Ungubani na wena ukuloo ntsimi yeenyamakazana zonke; zayilimalima, zayihlakuhlakula zemka zaya kuzingela?" Livakele ilizwi lisithi, "Ndim maginy'iinyathi neempondo, ndingasuka nawe Mvundlazana ndikuginye ndingakuhlafunanga." Wagqotsa kwa oko uMvundla.

Zathi iinyamakazana makukhe kuye uMfene. Naye ufike wamemeza wathi: "Ungubani wena ukuloo ntsimi yeenyamakazana zonke, zayilimalima, zayihlakuhlakula zemka zaya kuzingela. "Ndim uMaginy'iinyathi neempondo, ndingakuginya ngoku". Yagqotsa imfene ukubuyela emva.

Zamana ukuya nganye –nganye zibuye, kwada kwacaca ukuba kushiyeke uFudwazana yedwa. Kwathiwa makukhe kuye yena zabe ezinye zinganda zisithi kungathi koyiswe zona kobekisela phi kooFudwazana abancinci. Wabonakala ezwabuluka ngokuzola zabe ezinye zimsizela zimbuza ukuba uyaphi na kodwa eza kuzenzakalisa nje.

UFudwazana zange amamele warhoqoza wenjenjeya ukuya kuzikhangelela le nto isentsimini yabo. Naye njengezinye wakhwaza wathi:” Ungubani wena ukuloo ntsimi yeenyamakazana zonke, zayilimalima zayihlakuhlakula zaya kuzingela?”Yaphendula njengesiqhelo yathi:” NdinguMaginy’iinyathi neempondo nawe lo ndingakuginya ungabonakali.”Warhoqoza uFudwazana wabheka phambili ezama ukusondela kanye kule nto. Wathi akuyibona izojela umbonawaphinda wakhwaza njengakuqala. Yathi xa iqala ukuphendula njengesiqhelo wakhwela kuyo uFudwazana wayikhama. Kwajjiswana kwayiloo nto wabe uFudwazana engayiyekanga. Yada yafa waba ke uFudwazana uyigqibile edelekile enjalo.

Wathi ukuba abone ukuba uyigqibile waza wacula ingoma yakhe wathi:

*“Mna Fudwazana ndimncinane ndinjalo!*

*Ndikwazile ukulubulala utshaba obelugqiba umbona wethu!*

*Mna Fudwazana ndimncinane ndinjalo!*

*Ndikwazile ukubulala utshaba obelugqiba umbona wethu!*

*Yizani nonke nize kubona isimanga!”*

Zabuzana ezinye iinyamakazana ukuba uthini na uFudwazana. Zathi ezivileyo uthi ulubulele utshaba. Yekoko ukubaleka zisiya entsimini. Zafika zambulela ngobugorha abubonakalisileyo. Zamncoma zimtyibela ukumthutha oku kuba uzihlangule iinyamakazana.

Ukusukela ngaloo mini wahlonipheka uFudwazana naye phakathi kwezinye izilwanyana kuba yena zange asebenzise zigalo kuba emncinci wasebenzisa ingqondo kuba wasuka wakhwela kulo utshaba walukhama lwafa. Zambamba izandla zimvuma ukuba ube ngoyena unengqondo kunazo zonke, zatsho zalivuma elithi ..., ”Phela-phela ngantsomi.

11.1 Chonga naziphi iimpawu ZEENTSOMI eziMBINI ezifumaneka kule ntsomi. (2)

11.2 Luluphi udidi lwentsomi olu? Khetha eyona mpendulo ichanekileyo kwezi zikwizibiyeli. (**intsomi engokophulwa komyalelo/ intsomi engobutyhakala nobulumko/intsomini engembali**) Xhasa impendulo yakho. (2)

11.3 Chonga ezi zithako zesakhiwo zingezantsi kule ntsomi;

A isidingo (1)

B iinzame zokubamba umphazamisi. (1)

11.4 UFudwazana umela oluphi uphawu ezintsomini ozaziyo kwezi zingezantsi

A ukusoloko wakhohliswa zezinye izilwanyana.

B ukusoloko wangcatsha ezinye izilwanyana.

C ukusoloko wakhohlakalela ezinye izilwanyana.

D ukusoloko woyisa ezikhulu kunaye izilwanyana. (1)

- 11.5 Umbalisi uyenzele ukudlulisa myalezo mni le ngoma kaFudwazana? (2)
- 11.6 Bonisa isigqebeliso esivela koku kugada komvundla. (2)
- 11.7 Chonga udidi lophinda-phindo lube luNYE olusetyenziswe kule ntsomi, (1)
- 11.8 Gqibezela eli qhalo ukuyala abantu abadelela abanye ngenxa yobungakanani ngomzimba “Ungabokudela umq ...!” (1)
- 11.9 Ngesivakalisi eSINYE bonisa ukuba le ntsomi inesiphelo esothusayo. (2)
- [15]**

### ISICATSHULWA B [UMBUZO OMFUTSHANE]

#### INTABA KANDODA – Intaba yodumo yamaRharhabe L.S. NGCANGATHA]

1. Tsiha-a-a-a-a-a-a-a-a! Izikhali zikaRharhabe!”
2. Watsho umXhosa egwaz’ ephindelela.
3. Kwada kwacac’ icala ovuthuzela ngakul’umoya.
4. Babalek’ abaThwa, bayifulathela loo ntaba.
5. Zahamba iintsuku, nditsho iintsuku ngeentsuku
6. Zahamba iintsuku, nditsho iintsuku ngeentsuku
7. Zahamba iintsuku, zada zabola zalilifa leempethu.
8. Zahamba iintsuku, abasindileyo bephefumla nzima.
9. Baberhaxwa livumba lezidumbu zabo bafi.
10. Ndithi kwaba seso sankqange sefuqasi.
11. Ahlal’ apho amathambo, eding’ abangcwabi,
12. Kungekho xesha lakufihla, kumaxhaphetshu.
13. Kwigcudwana lamaLawu awasinda ngokulambisa,
14. URharhabe wadal’ uxolo nocwangco, kwaxolelwana.
15. Wananisa ngeenkomo ukuze azuz’ umhlaba
16. Kwinzwakaz’ eyayilawula, igama nguHoho.
17. Yintab’ eyankcenkceshelwa ngegazi lamagorha
18. Awe kwimfazwe engenakulibalek’ ezingqondweni.
19. Ngamagorh’ awazenz’ idini ngenxa yokuyithanda,
20. Le ntab’ esisimakade, iNtaba kaNdoda.
21. **Siya** kuhlala siyizukisa le ntaba.
22. **Siya** kusoloko siqwanya sijong’ encotsheni yayo.
23. Umdali makolul’ isandla sokunene ayiphulule,
24. Ukuze imishologu namashwangusha ayityeshele
25. Makube njalo!

- 11.10 Ikweliphi iphondo iNtaba kaNdoda? (1)
- 11.11 Olu didi lwesibongo somthonyama lubonga ngantoni kwezi zikwizibiyeli.  
(ngabantu / ngembali / ngenkosi)
- 11.12 Wayifumana njani uRharhabe le ntaba ngokwalo mbongo? (1)
- 11.13 Nika iimpawu EZIMBINI zesibongo somthonyama ozifumana kwesi  
sibongo. (2)
- 11.14 Cacisa isizathu sokuba esi safobe sisetyenziswe kwisitanza sesibini  
kuthiwe luvuthondaba. (2)
- 11.15 Nguwuphi umfanekiso ngqondweni ochukumiseka xa ufunda umqolo  
okrwelelwe umgca ngaphantsi? (1)
- 11.16 Khulula eli qhina lingezantsi:  
Rayi rayi ndinabantwana bam babini basoloko bendiphahlile benyuka  
intaba abangade bayiqabele. (1)
- 11.17 Sisiphi isixhobo sesandi esiphawulwe ngqindilili? (1)
- [10]**

**AMANQAKU ECANDELO: 25**

**ICANDELO C: IDRAMA****IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiidrama ezimbini, ukususela kumbuzo 10 ukuya kumbuzo 13.
- Kwidrama ngaNYE kubuzwe imibuzo emibini; omde kunye nomfutshane.
- Khetha umbuzo ube mnye kwidrama oyifundisiweyo.

**KHUMBULA:** Ukuba umlingwa ebekhetha umbuzo **OMFUTSHANE** kwiCANDELO B, **UNYANZELEKILE** ukuba akhethe umbuzo **OMDE** KwiCANDELO.

Ukuba umlingwa ebekhetha umbuzo **OMDE** kwiCANDELO B, **UNYANZELEKILE** ukuba akhethe umbuzo **OMFUTSHANE** kwiCANDELO C.

Ubude beempendulo buphakathi kwama-340 nama-390 amagama.

**UMBUZO 12 (UMBUZO OMDE)**

**AMAZA: Z.S. Qangule**

Inkolo yesiNtu ibe ngunozala wezigigaba ezithe zehla kule ncwadi. Dandalazisa oku ngeziganeko ezithe zehla kule ncwadi.

[25]

**OKANYE****UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

**AMAZA: Z.S.Qangule**

**ISICATSHULWA A**

- SIDIMA : Sebekungxale ngentle bendwane ufika nje?  
 NAMHLA : Bandingxale ngentle bendwane, bandihlohla ubulumko.  
 SIDIMA : Kucaca ukuba uyasithanda isinyalumane.  
 NAMHLA : Iselubala into yokuba uyayithanda inyophane.  
 SIDIMA : NguSathana wantoni lo undifikela ndiseluhambeni?



NAMHLA : Ukufikele kakuhle ngorhatya.  
 SIDIMA : Udenza uMthunzini?  
 NAMHLA : UnguMathunzomnyama.  
 SIDIMA : Uggwagqweleka nje ukuthetha uwaqaphele amazwi abayali?  
 NAMHLA : Undixelela ngemvula ena izithole sezitshabalele, undikhumbuza ugqirha ofika umguli seletshabile!  
 SIDIMA : He-e-e-e-e-e!  
 NAMHLA : Uthwele amaphiko uLizo, akalibali ezibule ngonyana.  
 SIDIMA : Kanti?  
 NAMHLA : Uzibulale ngomfakelwa.  
 SIDIMA : Uyayithetha into yakho.  
 NAMHLA : Akazi ukuba ukhulisa umntwana wenye indoda ngenkosikazi yakhe.  
 SIDIMA : Ngubani loo ndoda mntanandini?  
 NAMHLA : **Nguwe lo maqhingashendini!**  
 SIDIMA : Ngahle uxhume ngempama.  
 NAMHLA : Ukrakrelwa yinyaniso.  
 SIDIMA : Uzama ukundibizela ityala likude nam.  
 NAMHLA : (*Ukhupha ifoto kaZodwa epokothweni yebhatyi kaSidima*)  
 Alikudanga nali ulingxale epokothweni. (*Ebeka ifoto phezu kwetafile, ekhupha ileta eyifunda*)  
 Nantsi neleta yomkakho uZodwa inkosikazi kaLizo.  
 Phulaphula ndikufundele:

*Same locality,  
 10 p.m.  
 A.D.*

*Diye,  
 Ungathi say nqa ukuba why I been keep it cwaka by letter. Diye I  
 Love you in the ...*

- 13.1 Xela indawo eqhubeka kuyo le ngxoxo nonobangela wayo. (1)
- 13.2 Bonisa isigqebelo esikumazwi kaSidima akrwelelwe umgca ngaphantsi. (1)
- 13.3 Thelekisa isimo sikaNamhla nesikaSidima ngokwesicatshulwa esi. (2)
- 13.4 Luluphi udidi lwempixano olutyhilwa yile ngxoxo kaNamhla noSidima? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.5 Yiyiphi indlela yokuzoba abalinganiswa esetyenziswe kumazwi kaNamhla abhalwe ngqindilili kwezi zingezantsi?

Khetha eyona mpendulo ichanekileyo.

- A Uzobo ngokumayana
- B Uzobo-ngqo
- C Uzobo ngolwimi
- D Uzobo olucacileyo

(1)

13.6 Likweliphi inqanaba lesakhiwo ibali ngokwesi sicutshulwa?

(1)

13.7 Nika zibe ziBINI iziphumo ezidalwe yile leta kuthethwa ngayo.

(2)

13.8 Dandalazisa injongo yombhali ngokusikrobisa kule ngxoxo yesi sibini.

(2)

**[12]**

### ISICATSHULWA B

*(EBhayi, kwindlu kaSilumko noMaLimakhwe. Lixesha lesopholo)*

MALIMAKHWE : He Tshawe,  
Uthi uvela eSwazini ngezi ntsukwana?

SILUMKO : Andithi ibhaloni yenza amatshe?

MALIMAKHWE : Hayi, ndincamile!  
Phofu uhambe njani?

SILUMKO : Kuthe kanti ndisemkhondweni!

MALIMAKHWE : Akuzi kundixelela  
Ukuba uSidima udla amazimba!

SILUMKO : Uphile qete.

MALIMAKHWE : *(Ekhuza, eqhwaba, egqiba indlu yonke)*  
Bantu bakwaLimakhwe!  
Kanti singcwabe bani?

SILUMKO : Ungakhwazi kaloku Limakhwe.  
Uza kungcolisa umsebenzi wam.

MALIMAKHWE	:	Uxolo Tshawe. Wowu! Soze ndilibale!
SILUMKO	:	Kanti uZodwa Udla inkobe oku kwakhe.
MALIMAKHWE	:	( <i>Ethethela phantsi</i> ) Ndandikhe ndatsho!
SILUMKO	:	Ndifike ke sendiligqirha lomSwazi, Ndateketa ndafaka nesiZulu kwathi gqibe.
MALIMAKHWE	:	Ibe kaloku akukho lwimi ungalaziyo.
SILUMKO	:	Bengabuzanga nje Ndibaxelele ukuba bangamaXhosa, Ndatsho ndabazisa ukuba Akudalanga bebhujelwe sisizalwane, Kwaye kufuneka beye kubeka ilitye, Kungenjalo ilishwa liza kubambatha; Umoya womfi uza kubadubaduba.
MALIMAKHWE	:	Bathini ke bona?
SILUMKO	:	UZodwa uthethe ngesiporho esingabalalisiyo. Yabe seyingqina nendoda inxubile.
MALIMAKHWE	:	Sazela ndiyeke!
SILUMKO	:	Ndibaxelele ukuba kufuneka bagoduke, Bafike ekhaya ngobusuku, Baqale emangcwabeni babeke ilitye,
MALIMAKHWE	:	Abayoyika loo nto?
SILUMKO	:	Ndibanike amagqabi ekwepile Ndathi ngumthi wokuchitha amandla otshaba; Ndatsho ndisithi soze bathethiswe bani.
MALIMAKHWE	:	Bavuma ke?
SILUMKO	:	Kaloku Limakhwe, ingqondo Ekhonza iinkolo ayikwazi kuhlengisa izinto. Ndibaxelele ukuba bafike ngobusuku Becawe yamangcwaba.
MALIMAKHWE	:	Ubusenzela ntoni?
SILUMKO	:	Yeka wena, uza kubona.

MALIMAKHWE	:	Uyayisebenzisa ingqondo yakho, Ndiqinisekile, uza kunyuselwa.
SILUMKO	:	Ndibabize iirandi ezingamashumi amabini, Ndizamkele ngetshefu yam ndabulela.
MALIMAKHWE	:	Kanene kusele inyanga ibe yicawe yamangcwaba?

- 13.9 Wayetyelele ngasiphi isizathu uSilumko eSwazini? (1)
- 13.10 Anamsebenzi mni amagama akekeleyo akwizibiyeli akrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)
- 13.11 Cacisa ukuba amazwi kaSilumko athi, “Ungakhwazi kaloku Limakhwe. uza kungcolisa umsebenzi wam.” atyhila ntoni ngoSilumko? (2)
- 13.13 Bonisa ukuba lo mdlalo unesiphelo esisisothuso. (2)
- 13.14 Nguwuphi umyalezo ogqithiswa ngumbalisi ngokuzenza igqirha kukaSilumko? (2)
- 13.15 Nika zibeziBini iziphumo zale ntlangano yasemangcwabeni kule ncwadi. (2)
- 13.16 Xoxa ukuba umbhali wale ncwadi ubaveza njengabantu abanjani oomama kule drama, uzekelise. (2)

[25]

**OKANYE**

**UMBUZO 14 (UMBUZO OMDE)****A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB MKONTO**

Inkolo yobuKrestu ibe ngunozala wezidubedube ezithe zehla kule ncwadi.  
Dandalazisa oku ngeziganeko ezithe zehla kule ncwadi.

**[25]****UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)****A-a-a! JONGUMSOBOMVU**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

- |          |   |  |
|----------|---|--|
| FILIPU   | : | ( <i>Ephakama</i> ) Ndiyabulela Kholoneli, ndiya kusoloko ke ndikubeka emithandazweni ngalo lonke ithuba ukuze imizamo yenu ibe nempumelelo kweli lizwe lasebumnyameni. Salani kakuhle bethu, iNkosi inigcine nisinde engozini. ( <i>Uyaphuma</i> )  |
| SOMERSET | : | Sajini, ngathi asikasebenzi mfondini. Le ndima yala makhoboka la iza kusifaka kwenye ingxaki singekayigqibi nale yokucela into yokuba sibuye sivunyelwe ekulandeleni umkhondo ngeenkomo zethu. Phofu nihambe njani phezolo? Kukho nto niyibhaqileyo oko beniphumile?   |
| BEAU     | : | Kwowu! Sibe nempumelelo esimanga apho Kholoneli. Ndicela uxolo ngokungezi kukunika ingxelo kusasa. Ndikubone uxakekile ndaqonda ukuba ndiya kubuya ndizenzele ithuba. Sibuye apho namawaka amabini eenkomo ezivuthiweyo. <u>Ukucima umkhondo wethu kuye kwanyanzeleka ukuba iintlanti. Akusalanga nempunde apho.</u> |
| SOMERSET | : | Beniye kweliphi icala?   |
| BEAU     | : | Siye kuvelela uNdlambe kweziya lali ziphezu kolwandle. Asibonwanga mntu, kodwa ke ndiqinisekile ukuba bakho abaza kuzama ukulandela emkhondweni ngeli xa siwucimileyo. Loo meko siyilungiselele nayo kuba sishiye ibathwana lamajoni kanye ezibukweni eNxuba.  |

SOMERSET: Niqhube kakuhle kakhulu Sajini. Ngoku ndiza kukucela ukuba ukhe uphose iliso apha kulo nyana kaNgqika. Mninzi umonakalo anokuwenza ukuba akabekwanga esweni. Ziliqela iingxelo zezikhalazo endizifumana kumafama ethu ngomonakalo owenziwa ngabantu bakhe kuwo. Ndithetha ngoMaqoma ke eTshokotshele. Kodwa ke ungamngxameli kuba unaba befundisi bathanda uyise. Bayakhawuleza ukubhalela phesheya abo, zibuye iincwadi sezigunyazisa ukuba wenze into ungayithandi, kungenjalo zikugxotho kakubi. (*Aqwele iglasi yakhe*) Hayi kusekule okwangoku, masigoduke, kakade yimpelaveki le. (*Bayaphuma*)

- 15.1 Iqhubeka phi le ngxoxo? (1)
- 15.2 Isityhilela ntoni le ngxoxo malunga nokuqhubeka ebalini? (2)
- 15.3 Thelekisa isimo sikaBeau nesikaSomerset ngokwesicatshulwa esi. (2)
- 15.4 Ngubani lo nyana kaNgqika kufuneka abekwe esweni? (1)
- 15.5 Nika izizathu eziTHATHU ezibonisa ukuba abaNtsundu bachithwa emhlabeni wabo ngabaMhlophe. (3)
- 15.6 Yiyiphi indlela yokuzoba abalinganiswa esetyenziswe kwisivakalisi esinomgca ngaphantsi ukuzoba uBeau? Khetha eyona mpendulo ichanekileyo kwezi zingezantsi.
- A Uzobo ngokumayana  
 B Uzobo-ngqo  
 C Uzobo ngolwimi  
 D Uzobo olucacileyo. (1)
- 15.7 Sikwiliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi siganeko? (1)
- 15.8 Nika zibe ziBINI iziphumo ezithe zadalwa yile mpixano (2)
- 15.9 Dandalazisa injongo yombhali ngokuqhubekayo kule ncwadi. (2)

**[15]**

## ISICATSHULWA B

MAQOMA:	BaThembu! Segwetyiwe ngumkhwe wam, inkosi yenu uJongindyebo, A! Jongindyebo ( <i>akhahlele onke amabutho</i> ). Akusekho nto ndinokuyenza. Mkhululeni ahambe. ( <i>Uyakhululwa, agqotse ezijaca ukuya kutshona ehlathini sel'eleqwa zizinja</i> ) Malunga nabaya bantu, sendibona ukuba abanakulunga ukuhlala apha, mabaye kwantliziyo ndise, bakhululekile, indlela imhlophe.
DLOMO:	A! Jongumsobomvu! Ugwebe kakuhle mhlekazi, sanele sonke! A! Jongindyebo! Siyabulela nakuwe mntwan'omhle Ngokusilungiselela ingxaki yephakathi lakho.
MAQOMA:	Bantwan'abahle bomthonyama wakowethu! Senibona, Niyakubaliselwa. Ulele apha umkhwe wam. Masingcwabeni ke sonke. ( <i>Kusondelwa kuJongindyebo, aze uDlomo noQwathi bamlalise elukhukweni, <b>bamgqume ngengcawa yakhe</b>, iinkosi, zikhokelwe nguMaqoma, ziyamthutha kuhle ukuya engcwabeni, ziyamfaka ngokwazo, aze uQwathi angene phakathi ephethe iimpahla zenkosi ndaweninnye <b>nezinye izixhobo zayo ngokwendlela yesiko</b>. Amadoda avumela phantsi ngokulusizi, uSomagwaza ingoma ebithandwa kakhulu yinkosi yabo</i> ). Akukho mazwi maninzi endiza kuwathetha kuwe mkhwe. Uyawubona ke umzi uwushiye ugxavalala kunje! Thetha kuloo manyange nakwezo zihlwele zakowenu, uzichazele ukuba ushiya umntwana kweli khaya, maze zimkhusele. Naba abantakwenu, iinkosi zabaThembu, zisothukile, maze uzithethele nazo kuloo mzi. Ungalibali ukubika ngale ngxaki yokulahlekelwa yimihlaba yakowethu. Kungoku siza ngoonNontsuke kwilizwe loobawo bethu. Sicelele icebo apho kuba andazi ukuba sekutheni na silahliwe nje. ( <i>Uyantywizisa</i> )

- 15.10 Xela isizathu sokubanjwa kwale ntlanganiso. (2)
- 15.11 Anamsebenzi mni amagama abhalwe bukekela akwizibiyeli anomgca ngaphantsi? (2)
- 15.12 Atyhila ntoni ngesimo sentlalo amabinzana amabini abhalwe ngqindilili kwesi sicutshulwa? (2)
- 15.13 Nguwuphi umyalezo ogqithiswa ngumbhali ngesi sicutshulwa? (2)
- 15.14 Bonisa ubuchule bombhali ekwenzeni uMaqoma ithandazwe. (2)

[10]

AMANQAKU ECANDELO C: 25  
 AMANQAKU EWONKE: 80

